Isalathiso: 20211103-7311
Inombolo yefayili: 12/2/8/12
12/2/8/16
12/2/8/40
Imibuzo: LB Shasha
IM Swartz

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali: 0006/2021

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela-Balawuli beeNkonzo zeZiko, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu, kwiiNtsumpa zeeHostele, nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwiihostele (zingafakwanga iikholeji zezemfundo)

Isihloko: Ukukhunjuzwa ngomhla omisiweyo wokungeniswa kweefom zokwenza izicelo zeenkxaso-mali zokubhoda ehostele zabafundi, zokubhoda kwindawo yabucala nezothutho lwabucala ukulungiselela u-2022

1. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba bayaziswa bonke abafundi ngenkqubo yokwenziwa kwezicelo zenkxaso-mali, ukunceda abazali/abagcini babantwana ngenkqubo yokufakwa kwezicelo kwanokuqinisekisa ukuzaliswa ngokufanelekileyo nangokuchanekileyo kweefom zokwenza izicelo zenkxaso-mali ngokungqinelana neSetyhula 0143/1998, yowe-06 Novemba 1998 (kucelwa ukuba kujongwe isiHlomelo A esiqhotyoshelwe apha).

2. Abazali/abagcini babantwana abanabafundi abafuna ukuhlala kwiihostele zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo abafunda kuzo ngo-2022 mabakhuthazwe ukuba bangenise izicelo ezenzelwe unyaka wokufunda u-2022 ngokukhawuleza kangangoko.

3. Kucelwa izikolo zihlanganise izicelo zabafundi abakhoyo kunye namaxwebhu axhasayo, phambi kwexesha ukulungiselela ukuba zifike kwangethuba kwaNdlunkulu (ukulungiselela i-ofisi yoMlawuli weCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali) ngokuqala zidlule kumphathi wesekethe wesithili esichaphazelekayo ukulungiselela ukuba anike iingcebiso ngazo phambi komhla omisiweyo.

4. Ngokwenjenje kukhunjuzwa bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuba bangenise izicelo zenkxaso-mali zokubhoda ehostele zabafundi, zokubhoda kwindawo yabucala nezothutho lwabucala kwiCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali ungadlulanga owe-**30 Novemba 2021.**

5. Iifom zezicelo ezizalisiweyo, kunye namaxwebhu axhasayo, zabafundi abatsha ababhaliswe ehostele (ihostele yesikolo sikarhulumente esiqhelekileyo/ihostele yabucala) mazingeniswe kwi-ofisi yesithili ukulungiselela ukuba kunikwe iingcebiso ngazo emva kokuba umfundi amkelwe kwindawo yokuhlala kwihostele yesikolo sikarhulumente esiqhelekileyo okanye kwihostele yabucala ukulungiselela unyaka wesikolo wango-2022.

6. Zonke iintlawulo zenkxaso-mali zisekelwe kwizicelo eziphumeleleyo ezihamba namaxwebhu axhasayo achanekileyo. Kucelwa iinqununu nabaphathi beesekethe baqinisekise ukuba kungeniswe kuphela izicelo ezizaliswe ngokupheleleyo ezinazo zonke iimfuno ezingummiselo ezimiselwe kwiSetyhula 0143/1998.

7. Itshekhilisti iqhotyoshelwe apha ukuncedisa amagosa esithili ukungqinisisa izicelo phambi kokuba kunikwe iingcebiso ngazo. Izicelo ezizaliswe ngokungaphelelanga kunye/okanye izicelo ezinamaxwebhu axhasayo angaphelelanga azisayi kuqwalaselwa. Igosa elivela kwiCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali liya kuqhagamshelana nesikolo kunye/okanye ne-ofisi yesithili echaphazelekayo ngenkcazelo yezo ziphene. Kungelishwa ukuba oku kuya kuzenza zilibaziseke iintlawulo zezikolo/zehostele.

8. Kucelwa nazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2021-11-12